Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

JANYUWARI 2017

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

ITHANGA LASE-SANDBAAI
KUMENYWA IZINIKI-MAXABISO



Kwakho ithanga laseSandbaai liyathengiswa ngenjongo yokuliphuhlisa.

Iziniki-maxabiso zinika amathuba amabini kubafakizicelo: Elokuqala lelokuthenga umthengi akhe kwintsalela yeSiza 2834 eSandbaai, esiquka iSiza 2837 (esibukhulu ±39 ha) esingabhaliswanga, elesibini kukuthenga umthengi akhe kwiSiza esingabhaliswanga esingu-2837 eSandbaai (± 14,3 ha).

Njengoko kubonisiwe kwisindululo sokuphuhlisa uphuhliso olucetywayo lwentsalela yeSiza 2834 eSandbaai sisonke lungaquka imihlaba yokuhlala neyokushishina, nendawo yabathathe umhlalaphantsi ngeli lixa uphuhliso lweSiza 2837 eSandbaai esingabhaliswanga kunyanzelekile ukuba lube lolwendawo yokuhlala abathathe umhlalaphantsi kuphela. Njengenxalenye yolu phuhliso indawo evulelekileyo phakathi komhlaba oza kuphuhliswa nomlambo mayilungiswe ngeendleko zomphuhlisi.

linkcukacha malunga nexabiso lokuthengisa nokwamkelwa kwendawo yophuhliso olucetywayo zingafumaneka kuxwebhu lophuhliso kwesi sikhundla:
www.overstrand.gov.za ucofe ku-tenders.

SINENDAWO. SIYAKHATHALA. SINIKEZELA NGEENKONZO.

"Ezi ziseko zobomi mazikhokele isigqibo ngasinye esisithathayo zikhokele neendlela esisebenza kunye ngazo thina noluntu imihla ngemihla ," uSodolophu umemelele.

Ngomhla wama-31 Agasti 2016, iBhunga lamkela isicwangciso-nkqubo seminyaka emihlanu esiza kukhokela uphuhliso lwesiCwangciso soPhuhliso oluDibeneyo (IDP) sowama-2017-2021. Kwintetho yakhe ekhokelayo uSodolophu oLawulayo uRudolph Smith uqinisekise umbono waseOverstrand - "iziko lobungcaphephe loluntu" - kwanodaba lwayo neenjongo-maqhinga ayo ezingazi kujika kule minyaka mihlanu izayo.

Umeme ooceba bakhe bakhe bahlomle okomzuzwana ngendlela abalitolika ngayo igama "ubungcaphephe", ecacisa ukuba eli gama lento engaphathekiyo licaciswa ziinjongo ezinokumetwa nezo zingenakumetwa.

Iinjongo ezinokumetwa zezo zineziphumo njengesiseko izinto ezifana nokwakhiwa kwezindlu, ukudala imeko yokudala amathuba emisebenzi nokuqinisekisa ukuba yonke into imi ngendlela. Kwelinye icala iinjongo ezingenakumetwa ziqinisekisa indlela iinkonzo ezinikezelwa ngayo nendlela iOverstrand ejongana ngayo noluntu elukhonzayo.

"Kweli thuba andifuni nje ukufikelela kuphela kwiinjongo zobungcali ezinokumetwa koko ndifuna nokuzifikelela nezo zingenakumetwa," uSmith ukhuthazile, waqhuba wathi oku kuthetha ukuba iziseko zobomi zaseOverstrand - ***SINENDAWO. SIYAKHATHALA. SINIKEZELA NGEENKONZO***. ziza kuqiniswa ngalo lonke ixesha.

NgokukaSmith, "ukuba nendawo kuphathelele ekubandakanyeni okuthetha ukuba nangona iimeko zokuphila zoluntu lwethu zinokwahlukana wonke umntu unelungelo lokuphathwa ngendlela efanayo. Ukukhathala kuthetha ukuba yonke into mayikhathalelwe ngendlela enobunono obukhulu ukwenzela ukulumkela umonakalo okanye umngcipheko kodwa kukwasingisele kubuntu. Ukunikezela ngeenkonzo kuthetha ukuthobeka ngalo lonke ixesha kufunwa uncedo."

Malunga nenkqubela eyenziweyo ekuphuhliseni iIDP entsha yeminyaka emihlanu uSmith unike ingxelo yokuba kwezi nyanga zimbini zidlulileyo bekujoliswe ekufumaneni iimfuno uluntu lwaseOverstrand olujongene nazo. Emva kolu phando lweemfuno kuvunyelwene yiKomiti kaSodolophu ngendlela emayilandelwe kwaye ke ngoku kuza kuxhomekeka kubathathi-nxaxheba ingakumbi uluntu lwaseOverstrand ukuba luqulunqe iIDP entsha yeminyaka emihlanu enokwenzeka nethembakeleyo.

"Ukufikelela kweso sicwangciso kufuna umsebenzi omninzi ngako oko ndikhuthaza wonke umntu ukuba ancede enze iinzame zokuba athathe inxaxheba kwizinto eziphathelele kwi-IDP. Igalelo lakho linexabiso elikhulu ngako oko nceda usebenzise eli thuba lokuba liviwe ilizwi lakho," woleke watsho uSmith.

Isicwangciso-qhinga esiyilwayo seIDP entsha kwaxoxwa ngaso kwi-Overstrand Municipal Advisory Forum (OMAF) ngomhla wama-22 Novemba 2016, emva koko kuza kuba kho ufuno-zimvo-zoluntu lwesibini ngoFebhruwari 2017. Ekupheleni kukaMatshi 2017, iIDP yowama-2017/2021 equlunqwayo nebhajethi yeminyaka emithathu iza kungeniswa kwiBhunga, kwaye uluntu luza kufumana elinye ithuba lokunika izimvo zalo ngoEpreli 2017 phambi kokuba yamkelwe okokugqibela liBhunga ekupheleni kukaMeyi 2017.

Iinkcukacha malunga nokuthatha inxaxheba koluntu ziza kupapashwa kumaphephandaba aseOverstrand nakwi-webhusayithi yaseOverstrand.

I-GROTTO INTSHATSHELI EPHELELEYO YE-BLUE-FLAG

***Ukuma zu** ngethuba iBlue Flag, iFlegi yeSizwe nemibala yaseOverstrand ixhonywa ngexesha elinye lithuba elibaluleke kakhulu - ingakumbi xa umntu eqaphela ukuba lityelileshumi elinesithandathu iminyaka ilandelelana...*

I-Blue Flag ngethuba iBlue Flag, iFlegi ye-Sizwe nemibala yaseOverstrand ixhonywa ngexesha elinye lithuba elibaluleke kakhulu - ingakumbi xa umntu eqaphela ukuba lityelileshumi elinesithandathu iminyaka ilandelelana...

I-Blue Flag yimbasa eyamkelwa ehlabathini liphela enikezelwa qho ngonyaka kuloo malwandle ehlabathi afikelela amanqanaba amiselweyo obungcali kwezokhuseleko, kwizibonelelo nokucoceka, kwingcaciso ngokusingqongileyo nolawulo lwako.

Igqiza labaquqquzeleli abase-Yurophu besebenzisana neFoundation for Environmental Education, liqulunqa isikhokelo esingqongqo iilwandle ezimele ukuba zisilandele.

Apha ekhaya inkqubo ye-Blue Flag ilawulwa phantsi kweSebe lezokuSingqongileyo yolondolozo lwamanxweme iququzelelwe ngu-Wildlife and Environment Society of South Africa esebenzisana namagunya ezasekhaya.

UMzantsi Afrika waba lilizwe lokuqala kwangengowaseYurophu elanikwwa iwonga leBlue Flag kumanxweme alo. Okubalaseleyo kukuba ulwandle iGrotto lilo elilelona linonxulumano olude olungaphazamisekanga nale nkqubo.

BONKE ABABEKHO: ephahlwe ngooceba, amagosa ezokhuselo namagosa kamasipala nabanye abachaphazelekayo, uSekela-Sodolophu uCebakhulu uDudley Coetzee (ophakathi), uqinisekisa ukuwagcina amanqanaba eBlue-flag.

Xa iiflegi zithotywa ngoMvulo umhla wama-28 Novemba 2016, uSekela-Sodolophu waseOverstrand uDudley Coetzee, uthe: "Ukhenketho lunenxaxheba enkulu kuqoqosho lwendawo yethu ngako oko kubalulekile ukuba siwalondoloze amalwandle ethu siwagcine amanqanaba afunekayo ukuqinisekisa ukuba abakhenkethi nabantu bendawo yethu bayaqhubeka beyonwabela indalo esinayo."

Ukongeza kwiGrotto, ulwandle lwaseKleinmond nolwaseHawston aligcine iminyaka elishumi elinanye ilandelelana iwonga lawo leBlue Flag.

PHI & NINI INKUNKUMA INGALAHLWA?

Ukuzikhumbuza ngokuba inkunkuma eOverstrand ingalahlwa nini phi, gcina le listi eluncedo.

Zonke ezi ndawo zikhankanywe apha ziza kuyamkela felefele inkunkuma: Inkunkuma yamashishini neyegadi nayo ingalahlwa kodwa emva kokuhlawula imali exhomekeka kubungakanani nohlobo lwenkunkuma. Amaxabiso aqingqwa ngumasipala amaxesha ngamaxesha kwaye iinkcukacha malunga nawo zingafumaneka kwi-ofisi ekufuphi kuwe. **Qaphela ukuba inkunkuma eyingozi efana neyezempilo akuvumelekanga ukuba ilahlwe kwezi ndawoyasemakhaya engayingozi ingalahlwa kwimigqomo yenkunkuma eseHermanus & Kleinmond Transfer Station, Stanford Drop-off naseGansbaai Landfill.**

Iziko lenkunkuma / ilahlwa	Iintsuku	Amaxesha
eHermanus Transfer Station	ngoMvulo - ngoLwesihlanu ngemiGqibelo & ngeeholide	08:00 - 18:00 09:00 - 14:00
eVoëlklip Drop-off Station	ngemiVulo ngoLwesibini - ngoLwesihlanu ngemiGqibelo & ngeeholide	08:00 - 16:00 08:00 - 18:00 09:00 - 16:00
eHawston Drop-off	ngoMvulo - ngoLwesihlanu ngemiGqibelo ngeeholide	08:00 - 18: 00 09:00 - 16:00 09:00 - 14:00
eKleinmond Transfer Station	ngoMvulo - ngoLwesihlanu Mpelaveki & ngeeholide	07:30 - 18:00 07:30 - 16:30
eBetty's Bay Drop-off Station	ngoMvulo - ngoMgqibelo	08:00 - 16:00
eGansbaai Landfill	ngoMvulo - ngoLwesihlanu ngemiGqibelo & ngeeholide	08:00 - 18:00 08:00 - 16:00
eStanford Drop-off Station	ngoMvulo - ngoLwesihlanu ngemiGqibelo & ngeeholide	08:00 - 17:00 09:00 - 14:00
ePearly Beach	ngoMvulo - ngoLwesihlanu ngemiGqibelo & ngeeholide	08:00 - 17:00 09:00 - 14:00
Ukulahlwa kwenkunkuma	24 / 7 / 365	24 / 7 / 365

Uthethathethwano nge-IDP entsha kuyaqhuba kodwa uMlawuli weOverstrand: Iinkonzo zolawulo uyalumkisa:

"*Iimfuno zidlule lee kwimali ekhoyo.* Kuza kufuneka sijonge."

Isicwangciso soPhuhliso oluDibeneyo (IDP) sisebenza ngezona mfuno zimandla zegunya-bantu lasekhaya (kujoliswe kwezingaphandle) nezolawulo ezimandla (kujoliswe ngaphakathi). Esi sicwangciso esithatha iminyaka emihlanu singagqitywa kuphela nje ukuba kugqitywe uthethathethwano noluntu oluthatha ixesha elide.

Ngokwangoku iOverstrand izama ukufumana izimvo zoluntu ukulungiselela ukuqulunqa iIDP yayo entsha eza kuqala ngomhla wo-1 Julayi 2017, iphele ngomhla wama-30 Juni 2022.

Emva kothethathethwano lokuqala nee-wadi ezahlukeneyo iimfuno zabekwa etafileni kwintlanganiso ye-Overstrand Municipal Advisory Forum (OMAF) eyayingoLwesibini umhla wama-22 Novemba 2016.

Ngenxa yokuba iimfuno eziphawulweyo zingena ngqo kwibhajethi ukwenzela ukuba kujongwe eziphambili uDesireé Arrison, Umlawuli weNkonzo zolawulo, ulumkise wathi iindleko zazo zonke iimfuno zizonke zingama-R790 ezigidi kwibhajethi yeminyaka emithathu. Okwangoku iimfuno eziphawulweyo zonyaka-mali wama-2017/18 zingama-R307 ezigidi kodwa imali yalo nyaka mnye ngama-R40 ezigidi kuphela kwimali yethu (equka ama-R30 ezigidi eyimali-mboleko yangaphandle ne-R10 lezigidi eyimali eseleyo).

Eneneni iimfuno eziphezulu ezilishumi zikamasipala eziphawulweyo ukuza kuthi ga ngoku ziphathelele kwisicwangciso sikamasipala, iindawo zikawonke-wonke, iindlela zikamasipala, iizibonelelo zikamasipala, iizibonelelo zezemidlalo, iinkonzo zamanzi nogutyulo-lindle, ukhuseleko loluntu, ulawulo lwamanzi emvula, izithuthi zikawonke-wonke nezibane zezitrato kwaneendawo zokupakisha izithuthi.

Iimfuno ezilishumi eziphazulu zephondo nezikazwelonke ziquka imfundo, ezezindlu, ukhuseleko nokhuselo, iinkonzo zoluntu , ulondolozo lwendalo, uphuhliso lolutsha, okusingqongileyo, ezempilo namathala eencwadi.

Nangona kunjalo emva kothethathethwano lwesibini oluza kuqhubeka ngoFebhruwari kulindeleke ukuba iOMAF iza kwenza isindululo sendlela eya phambili eza kwenzeka nenokuhlawuleka.

Kwakhona sikhuthaza bonke abahlali anamaqela anomdla ukuba athathe inxaxheba kuthethathethwano lwesibini ekucetywa ukuba lube ngowama-2017.

ISICWANGCISO SIKAMASIPALA IQONGA LIMISELWE

Ngokomgaqosiseko imicimbi yezicwangciso zikamasipala luxanduva lukarhulumente wezasekhaya nto leyo ethetha ukuba yonke imicimbi yokusetyenziswa komhlaba, eyophuhliso, eyokucandwa kwakhona nezinye izicelo zoyilo lwedolophu maziqwalaselwe ngumasipala lowo uchaphazelekayo.

Oku kuthetha ukuba umasipala kufuneka enze imithetho nemithethwana ukulungiselela ukuqwalsela imicimbi yocwangciso lukamasipala oko kuhambisana noMthetho weSicwangciso semihlaba evulekileyo noLawulo lokuSetyenziswa komhlaba wowama-2013 (Act No 16 of 2013).

Ngenxa yesi sizathu uMasipala waseOverstrand ngoLwesihlanu umhla we-2 Disemba 2016 ubize intlanganiso yokuqala yeMunicipal Planning Tribunal eliqonga eliza kuthi kwixa elizayo ibe lilo elithatha izigqibo ngezicelo zoyilo-dolophu.

Ngenxa yokuba uMthethwana omtsha waseOverstrand woCwangciso lokuSetyenziswa koMhlaba uqale ngoFebhruwari 2016 injongo apha kukulandela indlela engqongqo ekusetyenzisweni komhlaba, ekwakheni nakwimithetho yophuhliso. Ekugqibeleni kujongwe ekubeni iqonga liza kuba nefuthe elibonakalayo kwipropati kamasipala, kuyilo nophuhliso lwayo.

Amalungu onyulelwe kwi-Municipal Planning Tribunal nguMlawuli kaMasipala uCoenie Groenewald; uMlawuli: ubuxhakaxhaka noyilo uStephen Müller; uMlawuli: UPhuhliso lwezasekhaya noKhenketho uSolomzi Madikane; noMlawuli: iiNkonzo zoLuntu uRoderick Williams. Ngeenjongo zokubeka iliso kuza kuba kho ilungu likarhulumente wephondo elikhoyo kweli qonga.

Nabani na onomdla kwindlela elisebenza ngayo eli qonga wamkelekile ukuba anxibelelane noRiaan Kuchar ku-028 313 8900 okanye athumele i-imeyile ku-rkuchar@overstrand.gov.za.